



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LESIBINI (P2)

NOVEMBA 2010

AMANQAKU: 80

IXESHA: 2½ iiyure

Olu viwo lunamaphepha angama-23.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Nceda ufunde le miyalelo ngocoselelo phambi kokuba uqale ukuphendula imibuzo.

2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha. Jonga kwisiqulelo esikwiphepha elilandelayo uze uchonge imibuzo ebuzwe ngeetekisi ozifundisiweyo kulo nyaka. Emva koko yifunde le mibuzo uze ukhethe leyo unqwenela ukuyiphendula.

3. Eli phepha LINAMACANDELO amaTHATHU:

ICANDELO A: Isihobe (30)

ICANDELO B: Inoveli (25)

ICANDELO C: Idrama (25)

4. Landela imiyalelo esekuqaleni kwicandelo ngalinye ngocoselelo.

5. Kulindeleke ukuba uphendule IMIBUZO EMIHLANU iyonke:

Imibuzo emithathu KWICANDELO A; omnye KWICANDELO B nomnye KWICANDELO C. Sebenzisa uluhlu lokukhangela (itshekhlisti) olukwiphepha lesine lokukunceda.

6. Nombola iimpendulo zakho ngokwendlela ekunonjolwe ngayo imibuzo kwiphepha lemibuzo.

7. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

9. Yaba ixesha lakho ngolu hlobo:

ICANDELO A: Malunga nama-40 emizuzu

ICANDELO B: Malunga nama-55 emizuzu

ICANDELO C: Malunga nama-55 emizuzu

IPHEPHA LESIQULATHO:

Eli phepha liza kunceda abafundi bakwazi ukukhetha imibuzo abafuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

ICANDELO A: ISIHOBE		
Imibongo emiselweyo: Phendula NAYIPHI NA imibuzo emiBINI.		
INANI LOMBUZO	UMBUZO	AMANQAKU
1 Inkululeko	Umbuzo omde	10
OKANYE		
2 Andiva makwedini	Umbuzo omfutshane	10
OKANYE		
3 Ukutshona kukamendi	Umbuzo omfutshane	10
OKANYE		
4 Oko bendingumntwana	Umbuzo omfutshane	10
KUNYE		
<i>Umbongo ongamiselwanga: Phendula nawuphi umbuzo omNYE.</i>		
5 Intlakohlaza	Umbuzo omde	10
OKANYE		
6 Ixsha leemviwo	Umbuzo omfutshane	10
ICANDELO B: INOVELI		
Phendula umbuzo omNYE.*		
7 <i>Nyana Wam! Nyana Wam!</i>	Umbuzo omde	25
OKANYE		
8 <i>Nyana Wam! Nyana Wam!</i>	Umbuzo omfutshane	25
OKANYE		
9 <i>Ukhozi Olumaphiko</i>	Umbuzo omde	25
OKANYE		
10 <i>Ukhozi Olumaphiko</i>	Umbuzo omfutshane	25
OKANYE		
ICANDELO C: IDRAMA		
Phendula umbuzo omNYE.*		
11 <i>Amaza</i>	Umbuzo omde	25
OKANYE		
12 <i>Amaza</i>	Umbuzo omfutshane	25
OKANYE		
13 <i>A-a-a! Jongumsobomvu!</i>	Umbuzo omde	25
OKANYE		
14 <i>A-a-a! Jongumsobomvu!</i>	Umbuzo omfutshane	25

***QAPHELA: KUMACANDELO B no-C, phendula umbuzo OMDE OMNYE nombuzo OMFUTSHANE OMNYE.**

ULUHLU LOKUKHANGELA (ITSHEKHLISTI)

Kunyanzelekile ukuba uqwalasele olu luhlu lulandelayo ukuze uqinisekise ukuba ukhethe imibuzo ngendlela eyiyo.

ICANDELO	AMANANI EMIBUZO	INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO	TIKISHA NGASEZANTSI
A: Isihobe (Imibongo emiselweyo)	1 – 4	2	
A: Isihobe (Umbongo ongamiselwanga)	5 – 6	1	
B: Inoveli (Umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane)	7 – 10	1	
C: Idrama (Umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane)	11 – 14	1	

QAPHELA: KUMACANDELO B no-C, phendula umbuzo OMDE UBE MNYE nombuzo OMFUTSHANE OMNYE.

ICANDELO A: ISIHOBE***VUKANI MADODA KUSILE*****IMIBONGO EMISELWEYO****IMIYALELO**

Kweli candelo kubuzwe imibongo nezibongo eziNE ezimiselweyo neziBINI ezingamiselwanga.

Umlingwa ulindeleke ukuba aphenhule imibuzo emiBINI ebuzwe kuyo nayiphi na imibongo okanye naziphi na izibongo ezimiselweyo; KUNYE nombuzo omNYE kwimibongo okanye izibongo ezingamiselwanga.

QAPHELA: Umbuzo ongombongo ongamiselwanga KUNYANZELEKILE ukuba uwuphendule. Qinisekisa ukuba ukhethe imibuzo emiTHATHU kweli candelo.

Ubude bombuzo: omde buphakathi kwama-190 nama-240 amagama.

UMBUZO 1 (UMBUZO OMDE)

Fundisisa lo mbongo ulandelayo, wandule uchaze indlela imbongi ezisebenzise ngayo izixhobo zohlalutyo ukuphuhlisa intsingiselo.

Khetha naziphi na iingongoma EZIMBINI kwezi zilandelayo:

- Ukwakheka kwemiqolo nezitanga
- Isingqisho
- Uphinda-phindo

INKULULEKO –S Mkiva

- | | |
|----|----------------------------|
| 1 | Ziinzima ziintsizi, |
| 2 | Ziincwina yindlala, |
| 3 | Yimikhuhlane zizifo, |
| 4 | Yimingcwabo ziingozi. |
| 5 | Zizijwili kuyavukelwa, |
| 6 | Ziintsizi kuyavalelwana, |
| 7 | Zizagwintyi zeenyembezi. |
| 8 | Zizivubeko zemivumbo. |
| 9 | Entloko luthuli, |
| 10 | Akukho ukuphumla. |
| 11 | Amathumbu ayangxola, |
| 12 | Iphango liyagquba. |
| 13 | Ixesha lemka nethuba |
| 14 | Ixhonti labona ixhoba. |
| 15 | Ixhoba laxhoma lamisa, |
| 16 | Ixhoba laxhokonx' ixhonti. |

- | | |
|----|--------------------------------------|
| 17 | Ixhonti ethubeni lavakalelwa. |
| 18 | Laxhoma lixhokonxwa lusizi. |
| 19 | Laxhoma lixhokonxwa yinkani nenyani, |
| 20 | Lacimb' ixhoba lakhululeka. |
| 21 | Lakhothama ixhoba nexhonti. |
| 22 | Ixhoba nexhonti laxhentsa. |
| 23 | Kwahluthwa kwahlekwa kwahlonyulwa, |
| 24 | Kwahlulwa kwahlekwa kwahlaziywa. |
| 25 | Yadla imbuzi nengonyama, |
| 26 | Zadlala iimpuku nekati. |
| 27 | Latyeb'ilizwe, izilwanyana nabantu, |
| 28 | Yaluthando kummelwane nakummelwane. |

[10]

OKANYE**UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Fundisisa esi sicutshulwa silandelayo sombongo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

ANDIVA MAKWEDINI – D Hoho

- | | |
|----|--|
| 1 | Vi-tyo-! |
| 2 | Aheziya-! |
| 3 | Ma-kwedin'andiva-! |
| 4 | Heziya-! |
| 5 | Andiva! Andiva-! Makwedini! |
| 6 | Ahe-ahe-aheziya! Oph! Heyi- aheziya-! |
| 7 | Awu! Awu-! |
| 8 | Magqangangqang' akhaziml' okwezithunzela, |
| 9 | Yingceke makwedini hay' eyasemlungwini, |
| 10 | Awu! Andiva makwedini, andi-va! |
| 11 | Heziya-! |
| 12 | Bath' ubudoda yingqondo |
| 13 | Ndithi mn' ingqond' izalwa ngumthonyama, |
| 14 | Bath' ubudoda yingqondo |
| 15 | Ndithi mn' ingqond' iqanduselwa lihlathi, |
| 16 | Bath' ubudoda yingqondo |
| 17 | Ndithi mn' ingqond' iqanduselw' emlanjeni; |
| 18 | Ukanti ke kalok' ingqondo ngumdlanga |
| 19 | Hay- hayi- hayi-hayi- hayi-ha-yi, makwedini! |
| 20 | Aheziya- heziya- ahe-ziya-oph! |
| 21 | Heyi-he- ziya! |

22 Bath' ukweluka sisithethe
 23 Ndithi mna ngaphaya komdlanga kulel' isiko lodwa.
 24 Nisithwel' isidanga sakulomfengu makwedini,
 25 Awu madoda khawukhangel' iinto zakowethu,
 26 Goga kwedini woqhawul' imikhwa, goga
 27 Wabhideka kwedini biz' ibheng' indleb' izivulile
 28 Andi-va-!
 29 Heziya-a-heziya-!

- 2.1 Intetho ethi, 'Andiva makwedini' ibhekiswa koobani kwaXhosa? (1)
- 2.2 U-'Vityo!' usetyenziselwe eyiphi injongo kulo mhobe? (1)
- 2.3 Kutheni ukukhazimla kobumhlophe kwaba babongwa apha kufaniswa nokwesithunzela? (2)
- 2.4 Chonga igama elisisithethantonye segama, 'ingceke' kula alandelayo.
- A Ifutha
 B Amafutha
 C Ifuthe (1)
- 2.5 Yintoni umdlanga? (1)
- 2.6 Ukuphinda-phindwa kwegama 'ingqondo' kumhlathi wesi-3 kubethelela ntoni malunga nobudoda? (2)
- 2.7 Ingaba ukwaluka sisithethe okanye lisiko? Xhasa impendulo yakho. (2)
- [10]**

OKANYE

UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Fundisisa esi sicutshulwa silandelayo sombongo uze uphendule imibuzo elandelayo.

UKUTSHONA KUKAMENDI – SEK Mqhayi

1 Ewe, le nto kakade yinto yaloo nto-
 2 Thina, nto zaziyo, asothukanga nto!
 3 Sibona kamlhlophe, sithi bekumelwe;
 4 Sitheth'engqondweni sithi kufanelwe.
 5 Xa bekungenjalo bekungayi kulunga,
 6 Ngoko ke, SoTase! Kwaqal'ukulunga!
 7 Le nqanaw'uMendi namhla yendisile,
 8 Nal' igazi lethu lisikhonzisile!
 9 Asinithumanga ngazo izicengo;
 10 Asinithenganga ngayo imibengo.
 11 Bekungenganzuzo zimakhwezi-khwezi;
 12 Bekungengandyebo zingangeenkwekwezi-
 13 Sikwatsho nakuni, bafel'eAfrika,
 14 KwelaseJamani yaseMpuma-linga-

15	bekungembek'eninayo kuKumkani,
16	bekungentobeko yenu kwiBritani.
17	Mhla nashiy' ikhaya sithethile nani,
18	Mhla nashiy' intsapho salathile kuni,
19	Mhla sabamb'izandla, mhla kwamanz'amehlo;
20	Mhla balil'onnyoko, bangqukrulek'oyihlo;
21	Mhla nazishiy' ezi ntaba zakowenu,
22	Nayinikel'imiva imilamb'ezwe lenu,
23	Asitshongo na kuni, midak'akowethu,
24	Ukuthi, "Kwelo zwe nilidini lethu!?"

- 3.1 Nika intsingiselo yesihloko sombongo esithi, 'Ukutshona kukamendi.' (1)
- 3.2 Ligama lantoni lo mendi kuthethwa ngaye kwesi sicutshulwa? (1)
- 3.3 Bhala imvano-siqalo efumaneka kumqolo we-3 nowe-4. (1)
- 3.4 Chonga isivakalisi esikwisitanza sesibini, esityhila ukuba aba batshona nomendi bazenze idini. (1)
- 3.5 Into engangeenkwenkwezi yinto engakanani ngokomyinge? (1)
- 3.6 Yiyiphi imiqolo EMIBINI eqala ngezithethantonye kulo mbongo? (1)
- 3.7 Aba bantu kuthethwa ngabo kwesi sicutshulwa abashiya amakhaya abo neentsapho zabo babesiya phi? (1)
- 3.8 Safobe sini esifumaneka kumqolo wama-23 ukuya kowama-24? (1)
- 3.9 Ngeli xesha lokutshona kukamendi eli lizwe lase-Afrika laliphantsi kweliphi ilizwe laphesheya kweelwandle? (1)
- 3.10 Umoya wembongi ubonakala unjani xa ibonga kulo mbongo? (1)
- [10]**

OKANYE

UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Fundisisa esi sicutshulwa silandelayo sombongo uze uphendule imibuzo elandelayo.

OKO BENDINGUMNTWANA – GV Mona

- 1 Ndilungcamle ulonwabo,
2 Ndawaxhamla namathumb' amnandi.
3 Ndiyolile kwiziyunguma,
4 Ndonwabile ke khona,
5 Oko bendingumntwana.
- 6 Ndingumqabaqaba ndiqakatha,
7 Ndiphefumla impepho ecocekileyo,
8 Intliziyo ibetha ngesigqikazi,
9 Igazi limpompoza emithanjeni.
10 Lo mzimba unamandl'amakhulu,
11 Lo mzimba uzele bubomi,
12 Oko bendingumntwana.
- 13 Ubawo ubekho, uma ebekho,
14 Ubawokazi ubekho, kanti nomakazi ebekho,
15 Abantakwethu bebekho, ngokunjalo nabasakwethu,
16 Ndizive ndikhuselwe, ndizive ndikhuselekile.
17 Ngenene asibangakho isoyikiso
18 Oko bendingumntwana.
- 19 Andazanga lutho ngeengozi nobunzima,
20 Andazanga lutho ngobuhlwempu neenkxwaleko,
21 Andazanga lutho ngeenzingo neembandezelo.
22 Konke oko bekungenantsingiselo,
23 Oko bendingumntwana.

- 4.1 Ngubani lo ubongwa apha kulo mbongo? Zixhase. (2)
- 4.2 Chonga igama elisisithetha-ntonye segama, 'uvuyo' kwisitanza sokuqala. (1)
- 4.3 Safobe sini esifumaneka kumqolo wesi-6? (1)
- 4.4 Isafobe osixele ku-4.3 ngasentla siphuhlisa ntsingiselo ni malunga nomntu obongwayo? (1)
- 4.5 Caphula umqolo ube MNYE obonisa ukuba lo mntu ubongwayo ukhula engqongiwe ekwakhuselwe luthando lwakowabo. (1)
- 4.6 Ngesivakalisi ESINYE shwankathela umqolo we-19, wama-20 nowama-21. (2)
- 4.7 Ucinga ukuba yintoni injongo yokuba umqolo othi 'Oko bendingumntwana' uphinda-phindwe ekupheleni kwestanza ngasinye? (2)

[10]**KUNYE**

UMBUZO 5 (UMBUZO OMDE)**IMIBONGO ENGAMISELWANGA**

Fundisisa lo mbongo ungezantsi uze ucazulule indlela imbongi esisebenzise ngayo isigama ukuphuhlisa umxholo wawo.

INTLAKOHLAZA – ZS Qangule

- 1 Hamba busika musa ukuba nomzaza,
- 2 Sikubonile ungxolile ukrwempile.
- 3 Ndiyakuthanda kuba akuloqhokolo,
- 4 Indoda awuyicengi ngomsindo onawo,
- 5 Edidizelayo uyihla ngesinkempe entloko.
- 6 Hamba silubonile olwakho ulawulo.
- 7 Ngoku sijonge entsha impatho.

- 8 Itshawekazi liyeza nantsi ingubo emhlophe,
- 9 Yindlezane naba abantu beqakatha,
- 10 Linobungangamsha nanga amathole edlokova.
- 11 Lihamba ngesingqi ndiva kungongoza,
- 12 Lixabise ukukhanya ndibona kulenyeza,
- 13 Kuyahluthwa kowalo ndibona limana libhodla,
- 14 Lipha ligqithise naku besoyela,
- 15 Ligalela lilibale nazo iingxondorha.

- 16 Madoda kumnandi ukuphathwa lubhelukazi,
- 17 Ziboneni nonke niyatatazela,
- 18 Nitsiba macalana niyaxhashazela,
- 19 Bekukade nifulathele ningananzanga.
- 20 Besincamile sisithi anihleki,
- 21 Namakhosikazi ebeme nematha,
- 22 Namhla sinyoshozile isikrelemnqa.
- 23 Kuza kuxoxwa ngembewu nangomhlaba,
- 24 Iza kuphangela ingqondo yenze inkqubela.

[10]**OKANYE****UMBUZO 6 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Fundisisa esi sicutshulwa silandelayo sombongo uze uphendule imibuzo elandelayo.

IXESHA LEEMVIWO – MN Manentsa

- 1 Iyahlamba intliziyo kalova.
- 2 Umntu uza kuvuna into abekade eyilimile.
- 3 Akukho nkwali iphandela enye,
- 4 Kuba kaloku eyenjenjalo yenethole.

- 5 Lifikile lona ixesha leemviwo.
 6 Abafundi nya ezitalatweni.
 7 Bambinambineka beguquguquka ngaphakathi.
 8 Ixesha lifikile ixesha leemviwo.
- 9 Akukho kusebeza nakukrwecana
 10 Ingulowo umhokamhokana nowakhe umthwalo.
 11 Ukubuya umva akukho kuye.
 12 Kufa ayayo magwala akowethu.
- 13 Baqule baligangatha bayacheleza,
 14 Kuba izimvo ziyatyhuluba ukuya ezandleni,
 15 Isandla siyatyibilika ukuhamba ephepheni,
 16 Ziyagilana zingqubeka ukuza ngaphambili.
- 17 Luyaphuphuma ulwazi ukufuna ukutyekwezwa,
 18 Ixesha lifutshane malandiswe,
 19 Ayikho indlela ixesha libekiwe,
 20 Gqagqanisa mfundi nasi isiziba.
- 21 Isiziba esimnyama ungxange phezu kwaso,
 22 Lumka ungeyeli kuso sinzulu,
 23 Hleze ubuye ungabi sonyulwa.
 24 Ixesha eli linzima, ixesha leemviwo.
- 25 Masiyibele siyatyadule,
 26 Yimpophoma ukuphuphuma kolwazi,
 27 Ziyaphixana kongenanonelelo izimvo,
 28 Ziyaminxana kozigqagqwileyo izimvo,
- 29 Ubona ngomfo emunca iminwe futhi-futhi.
 30 Akhamise ezamla etweze umlomo.
 31 Ingqondo imkile, uzilibele naye,
 32 Kuba kaloku wonganyelwe zizifundo.

- 6.1 Chonga umqolo onelungu lomzimba athi umntu achukumiseke okanye abe novakalelo kulo. (1)
- 6.2 Kuthetha ukuthini ukuthi 'umntu uza kuvuna into abekade eyilimile'? (1)
- 6.3 Le ntetho ithi 'akukho nkwali iphandela enye, kuba kaloku eyenjenjalo yenethole', sisafobe sini? Khetha kwezi zilandelayo.
- A Sisikweko
 B Liqhalo
 C Sisaci (1)
- 6.4 Isifanekisozwi u-'nya' kumqolo we-6 sisinika umfanekiso ngqondweni onjani ngabafundi? (2)

- 6.5 Kuthetha ukuthini 'ukusebeza'? (1)
- 6.6 Igama 'ukumhokamhokana' kumgca we-10 liphuhlisa ntoni kulo mbongo? (1)
- 6.7 Nika intsingiselo yalo mqolo ulandelayo ngokwasembongweni.
'Baqule baligangatha bayachebeleza'. (1)
- 6.8 Xa zityhuluba izimvo ngokwalo mbongo kuthethwa ukuba:
- A Ziyagxalathelana
B Ziyabhidana
C Ziyanyamalala (1)
- 6.9 Izandi ezikrwelelwe umgca ngaphantsi kumqolo wama-25 ziphuhlisa siphi isafobe? (1)
[10]

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: INOVELI**IMIYALELO**

- Kweli candelo kubuzwe iinovelu ezimbini.
- Khetha imibuzo kwinoveli oyifundisiweyo.
- Kwinoveli NGANYE kubuzwe imibuzo emiBINI, OMDE NOMBUZO OMFUTSHANE, ukususela kumbuzo wesi-7 ukuya kumbuzo we-10.
- Khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.

QAPHELA: Ukuba umlingwa ukhethe umbuzo OMDE kwinoveli ayifundisiweyo; kunyanzelekile ukuba akhethe umbuzo omfutshane KWICANDELO C (kwidrama). Ukuba ukhethe umbuzo omfutshane KWICANDELO B (kwinoveli) kunyanzelekile ukuba akhethe umbuzo OMDE KWICANDELO C (kwidrama).

Ubude bombuzo OMDE buphakathi kwama-340 nama-390 amagama.

UMBUZO 7 (UMBUZO OMDE)**NYANA WAM! NYANA WAM! – WK Tamsanqa**

Zoba isimo sentlalo kule ncwadi ithi, *Nyana Wam! Nyana Wam!*, uze uvelise indlela isimo sentlalo sasezilalini nesasedolophini esinefuthe ngayo kumxholo wale ncwadi.

Kwimpendulo yakho qamela ngezi zihloko zilandelayo:

- Inkcazo yesimo sentlalo
- Imvelaphi kaThole
- Iindawo eliqhubeka kuzo ibali
- Ixesha eliqhubeka ngalo ibali

[25]**OKANYE****UMBUZO 8 (UMBUZO OMFUTSHANE)****NYANA WAM! NYANA WAM! – WK Tamsanqa**

Funda esi sicutshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

Bathe besahleli belindile njalo babona ngenkunzi nemazi yengonyama zisithi gqi kufutshane. Bathi besaxakekile ukuba baza kuthini na zaye sezifikile. Hayi ke zenza iziqwenga zibaqengqa, yaba bobo busadu-sadu. Kuthe kweso siphithi-phithi wabaleka uThole wakhwela emthini wawabukela loo masikizi abantu beqwengwa ziingonyama.

Wayesithi akuyibona le nto kuthi makafihle amehlo, ingumbono ongajongekiyo, kodwa wathi ewafihlile njalo amehlo kwale ukuba angajongi. Ngesiquphe ezi zilo zozibini zagqiba isihlanu samadoda ebukele uThole satya sakhothuluza sishiya iintloko zodwa. Kweso sihlano sasiqwengwa ziingonyama kwakukho uThemba noSonwabo, iintanga zakhe. Zithe zakugqiba yabuya inkunzi yengonyama yeza kulo mthi akhwele kuwo kucaca ukuba iyambona.

Yafika yatsho ngomgqumokazi owatsho kwanyikima umhlaba, suka nomthi lo akhwele kuwo wangcangcazela ngathi uza kuwa, yaye imana ukulengetyeka le nto kumthi lo imtsibela ingade ifikelele kuye, ivuza izinkcwe ukumbawela. Wabambelela emthini ebambe umzimba ekubukele ukufa kumana ukulengetyeka phantsi kwakhe kusenza loo masikizi. Yalengetyeka yalengetyeka inkunzi yengonyama phantsi kwakhe yada yadinwa, suka yee buthuthu yangqengqa phantsi kwaloo mthi. Kwiimpahla ezazikuye uThole yayizezo wayezinxibile kuphela naloo ngxowa wayengahlukani nayo efake iincwadi ezintathu, iBhayibhile neencwadi ezimbini awazinikwa nguThozama, okuyingubo kwakuthe geqe phaya ethe ngokothuka ekufikeni kweengonyama wayishiya engenakho nokuba angaya kuyithatha ngenxa yaloo ngonyama yayingqengqe phantsi komthi. Ezinye iimpahla zakhe zazijike nemoto.

- 8.1 Unoobani uThole kule ndawo babelinde kuyo? (2)
- 8.2 Kuphi kule ndawo balinde kuyo? Beze ngantoni? (2)
- 8.3 Yintoni eyabaqhiphulisa umbilini besalinde njalo? (1)
- 8.4 Nika intsingiselo ecace gca yesi sivakalisi silandelayo:
"Hayi ke zenza iziqwenga zibaqengqa, yaba bobo busadu-sadu." (2)
- 8.5 Chonga igama elibonisa ukuba esi sibini seengonyama:
8.5.1 Sathatha ixesha elifutshane kakhulu ukubulala aba bantu. (1)
8.5.2 ... satya saqwela (1)
- 8.6 Wazisindisa njani ekuqwengweni ziingonyama uThole ngeli xa ziqwenga oontanga bakhe? (1)
- 8.7 Athetha ukuthini la magama nala mabinzana ngokwesicatshulwa?
8.7.1 ukulengetyeka (1)
8.7.2 ivuza izinkcwe (1)
8.7.3 ebambe umzimba (1)
- 8.8 Ucinga ukuba ukuphinda-phindwa kwesenzi esikrwelelwe umgca ngaphantsi kweli binzana lilandelayo kubonisa ntoni ngokwesicatshulwa?
"Yalengetyeka yalengetyeka inkunzi yengonyama ..." (2)
- 8.9 Ngokwesicatshulwa isifanekisozwi "yee buthuthu" siphuhlisa ntoni? (1)
- 8.10 Chaza iincwadi ezazisengxoweni angahlukaniyo nazo uThole? (2)
- 8.11 Yintoni eyayidibanisa uThole noThozama kule ncwadi? (1)

- 8.12 Bhala ilungu lomzimba elashiyeka xa ingonyama yayisitya amaxhoba. (1)
- 8.13 Ingaba eli lungu lomzimba lashiyekayo lalinokuba luncedo njani kwizizalwane zamaxhoba? (1)
- 8.14 Wayesingise phi uThole sele ezibona esinda emilonyeni yeengonyama nje? (1)
- 8.15 Siganeko sini awasinda kuso uThole esandulela esi sokuqwengwa ziingonyama? (1)
- 8.16 Sasibangelwe yintoni isiganeko esibuzwe ku-8.15? (1)
- 8.17 Wasinda njani uThole kweso siganeko? (1)
- [25]

OKANYE

UMBUZO 9 (UMBUZO OMDE)

UKHOZI OLUMAPHIKO – N Saule

Amazwi ayethethwa ligwangqa kuMfazwe athi, "nguwe olandelayo" amshiya ethe nkamalala, ekhamisile. Bhala phantsi kwezi zihloko zilandelayo, uvelise okwakusenzeka kuye emva kwala mazwi:

- lingcinga nemibono kaMfazwe esiseleni eBholo.
- Izinto ezamehlelayo uMfazwe endleleni eya esiseleni eRhini.

[25]

OKANYE

UMBUZO 10 (UMBUZO OMFUTSHANE)

UKHOZI OLUMAPHIKO – N Saule

Funda esi sicutshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

Kwaba ngathi kugqabhuke ithumbu. Waxuxuzela wonke uMzantsi Afrika, laqhuqhumba elase-Afrika, lanxakama lonke elimiweyo. Isikhalo nesijwili sasisinye, liwile, liwile, iqhawe lamaqhawe, igorha kumagorha alwela inkululeko, uMpondombini eleenkobe, uKK elibizwa ngabantwana, iTshawe. Zaziphokoka iindaba zivela macalana onke, liqhuma lonke ilizwe.

Lakuvakala udaba lokusweleka kukaKK ngokuzixhoma ngomkhono webhrukhwe, endaweni yokuba abantu bazile basuka baba nomsindo besithi xoka, akazibulelanga ugetyengiwe. Loo nto yakhatshwa luqhankqalazo olwavusa uqhushululu olwaxaka nabaphembi bodushe. Abantu babefunge bamunca iintupha besithi kufe owokugqibela. Lwaphuma ezandleni uluntu, zaba zizantanta izinja zomthetho, kuba kwanqanqaza umlilo kuyo yonke indawo. Iziquhu zabantu eziphuma kwiinkonzo zokukhumbula igorha uKK zawukhuphela umsindo kuyo yonke into ebizwa ngorhulumente okanye enxulumene namagwangqa. Abantu abahamba ngeenqwelo zasemsebenzini, baba ngamaxhoba okuqala. Ezo nqwelo zafakwa umlilo ...

KwelaseNtla kwisixekokazi esikhulu saseGoli, apho uKK wayegqityelwe evalelwe khona, izihlwele zabantu zenza umngcelele zafunza esikhululweni samapolisa ziyokuwaxelela ukuba makavuse uKK. Othethayo uthi abantu bacela ukuthetha nengqonyela yesikhululo eyasuka yona yathumela omnye isithi ezo zihlwele zinikwa imizuzu emihlanu ukuba zichithakale okanye ziya kuyibona into ebhinqe ngayo. Abantu bahlala phantsi ukubonisa ukuba akukho apho bayayo de kuzokuthethwa nabo.

Ithe yakuphela imizuzu emihlanu, kwabonwa ngelori enkulu iphuma apha esikhululweni ihlehla umva, yaxela ibhokhwe igudla udonga ukuza ebantwini. Yakuba kude kufutshane lwavuleka ucango lwangasemva, yaqhuma ilopisi, yangumbambamba. Babesithi bephakama abantu ngelokusaba, babe besiwa waca. Umpu ozitshintshelayo wawubageca ngokungathi yirhengqe inqunqa iindiza. Ababehamba neentsana bazishiya ngasemva, bashiywa abafazi ngamadoda bengomba izifuba, zapoqa izihlangu zimbi zaqhawuka izithende, fohlo ezingcingweni abanye bashiyeka bexhomekile.

Apho uyeke khona umpu ukuqhuquza, kwashiyeka iincwina zabangxwelerhekileyo, yazizingqala kwabafelweyo, wabe esithi umntwana wegwangqa babekha babonwa phi na abanje ukuba zizidenge abantu, ukuthi bexelelwa ngomlilo babe kungona bakhasela kuwo. Yayibubutyadidi igazi, liyimijelo enkcenkcezayo, igazi leentsana ezidlule bezisathi ziyancela, igazi lamadoda ahambe engayolelanga, igazi leentokazi ezigqithe zingayalezanga, washiyeka uhodoshe ebala indyebo yonyaka. Waphethuka umhlaba wanyikinyiki, iimbongi zafihla ubuso zingenazwi lamlomo, ilifu elimnyama labugquma ubuso besibhakabhaka, yasonga iimpiko iNgelosi isothuka isimanga esinje.

- 10.1 Ngokwengxelo yamajelo osasazo wafa njani uKK? (1)
- 10.2 Chaza eyona ntsingiselo iphuhliswa ngala mabinzana alandelayo:
- 10.2.1 Waxuxuzela wonke uMzantsi Afrika. (1)
- 10.2.2 Lanxakama lonke elimiweyo. (1)
- 10.2.3 ... washiyeka uhodoshe ebala indyebo yonyaka. (1)
- 10.3 Ingaba abantu baziva njani bakuva iindaba zokusweleka kukaKK? (1)
- 10.4 Benza ntoni abantu baseGoli ngokusweleka kukaKK? Cacisa. (2)
- 10.5 Kwenzeka ntoni bakuba abantu balile ukuphuma kumasango esikhululo samapolisa? (2)
- 10.6 Khetha intsingiselo echanekileyo kozinikiweyo.

Ukumunca iintupha kuthetha:

- A Ukubala ngeminwe
B Ukufunga
C Ukudla iminwe (1)

10.7 Umphathi wesikhululo samapolisa wayengayikhathalelanga impilo yomntu omnyama. Xhasa olu luvo. (2)

10.8 Ngqamanisa amabinzana neependulo ezichanekileyo.

KHOLAM A		KHOLAM B	
10.8.1	Zaba zizantanta izinja zomthetho.	A	Ukuba ngamaxhoba.
10.8.2	Kwanqanqaza umlilo yonke indawo.	B	Ehla esenyuka, ethi elapha abe ephaya.
		C	Kwakusitsha yonke into etshiswayo efana neemoto, imizi neevenkile

(2 x 1) (2)

10.9 Chonga amabinzana axhasa ukuba isenzo sokufa kwabantu kabuhlungu sathusa iimbongi, indalo nezidalwa zaseZulwini. (3)

10.10 Ngokwezembali ingaba isiganeko sokufa kukaKK sikukhumbuza ngeliphi iqhawe elafa ngolu hlobo? Khetha kula alandelayo.

- A Hector Peterson
- B Steve Biko
- C Chris Hani

(1)

10.11 Emva kwesi siganeko yaguquka impilo yabantu bengcungcuthekiswa ngakumbi ngurhulumente welo xesha. Xela izinto zibe NTATHU ukuxhasa oku. (3)

10.12 Isidima sikaMfazwe njengetitshala sathotywa sathobeka? Xhasa olu luvo. (2)

10.13 Zinto zini ezibonisa ukuba inkululeko yabachaphazela ngeendlela ezahlukeneyo abantu? Xela zibe MBINI. (2)

[25]

AMANQAKU ECANDELO B: 25

ICANDELO C: IDRAMA**IMIYALELO**

- Kweli candelo kubuzwe imibuzo kwiidrama ezimbini, ukususela KUMBUZO 11 ukuya KUMBUZO 14.
- Kwidrama ngaNYE kubuzwe imibuzo emibini; omde kunye nomfutshane.
- Khetha umbuzo ube mnye kwidrama oyifundisiweyo.

KHUMBULA: Ukuba umlingwa ebekhethe umbuzo omfutshane kwiCANDELO B;
UNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo omde kwiCANDELO C.
Ukuba umlingwa ebekhethe umbuzo omde kwiCANDELO B;
UNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo omfutshane kwiCANDELO C.

Ubude bombuzo omde buphakathi kwama-340 nama-390 amagama.

UMBUZO 11 (UMBUZO OMDE)**AMAZA – ZS Qangule**

Hluza uphicothe impixano efumaneka kulo mdlalo uthi 'Amaza' uze uvelise indlela ewukhulisa ngayo umdlalo. Kwimpendulo yakho chankcatha kwezi zihloko zilandelayo:

- Inkcazo ngempixano neendidi zayo.
- Impixano yangaphakathi kuNamhla noLizo.
- Impixano yangaphandle.

[25]**OKANYE****UMBUZO 12 (UMBUZO OMFUTSHANE)****AMAZA – ZS Qangule**

Funda ezi zicatshulwa zingezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA 1

(Ebhekisa kuLizo)
Zidangele nje iintliziyo zethu,
Eyakho iyaguya lulonwabo.
Igazi lethu eliphaleleyo,
Kuwe yiwayini ephuphumayo.
Ingcwaba eloyelisele amandla ethu,
Kuwe sisisele sokudimbaza impilo.
(Ebhekisa kuNamhla)
Ngeli xeshana,
Ubambo lomntwana wam
Seluyinto yokurhuqwa ngoodyakalashi.

Ngeli thutyana,
Unina wabazukulwana bam
Selengumqamelo weengcuka.
Ngalo mzuzwana,
Isizalo samaCirha sesingumhadi
wokungxangwa zizinja!

- 12.1 Ngubani othetha la mazwi akwesi sicutshulwa? (1)
- 12.2 Wayewabhekisa koobani la mazwi lo ubuzwe ku-12.1? (2)
- 12.3 Aba babini wayewabhekisa kubo la mazwi babedityaniswa yintoni? (1)
- 12.4 Ingaba kwamonwabisa ukufika kwakhe bebobabini okanye akuzange kumonwabise? (1)
- 12.5 Chaza intsingiselo yeli binzana:
'Eyakho iyaguya lulonwabo' (1)
- 12.6 Ngubani lo mntwana wakhe athetha ngaye uMaNdaba? (1)
- 12.7 Njengamntu oyifunde wayigqiba incwadi, eneneni lo mntwana wayephi ngeli xesha athetha ngaye? (1)
- 12.8 Nika igama likatata walo mntwana kubuzwe ngaye ku-12.6 ngasentla. (1)
- 12.9 Kwesi sithethi uLizo uzizilwanyana ezithathu. Xela zibe ZIBINI, esasendle nesasekhaya. (2)
- 12.10 Sizathu sini esabangela ukuba uNamhla noLizo bangaphumeleli ekuphumezeni iminqweno yabo. (2)

ISICATSHULWA 2

(Kungekudala ephumile uMaNdaba kungena uSilumko)

SILUMKO: Kudala ke ndinkqonkqoza!

LIZO: Siyicelela uxolo loo ndawo.

NAMHLA: Inene, asikuvanga.

SILUMKO: *(Ebhekisa kuNamhla)*
Uleli tshawekazi likanyana.

NAMHLA: *(Ebhekisa kuLizo)*
Kanti Qwathi uhamba uhlekisa ngam kule milambo?

SILUMKO: *(Ekhupha epokothweni into eqhinelwe elaphini)*
Akusekho xesha lakuncokola,
Igazi lam selixhophoza.

LIZO: Yintoni ngoku?

SILUMKO: AsingoMaNdaba lo uphuma apha?

NAMHLA: Luqobo lwakhe.

SILUMKO: *(Ekhulula iqhina letshefu, kuvela isikhumba senyoka)*
Lufele lwenyoka yokuthakatha olu,
Ndimbukele kakuhle elombela emva kwale ndlu,
Uthe nje ukuba athi tyishi esiya kwindlu ephakathi,
Ndabe sendiphoseleka, ndigrumba, ndifumana le ngozi!

- 12.11 ULizo ucela uxolo kuSilumko kuba enze ntoni? (1)
- 12.12 Khetha impendulo echanekileyo kozinikiweyo. Ngokwesicatshulwa, 'ukuxhophoza kwegazi' kuthetha: (1)
- A Ukubaleka kwegazi umzimba wonke.
B Ukubila emzimbeni.
C Ukungxamela ukwenza into.
- 12.13 Uthetha ukuthini uSilumko xa esithi uNamhla 'uleli tshawekazi likanyana'? Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo: (1)
- A Usisithandwa sikaLizo.
B Uyintombazana ahlekisa ngayo.
C Uligazi likaLizo.
- 12.14 Luphando lwantoni oludibanisa uSilumko noLizo? (2)
- 12.15 UMaNdaba uzalana njani noNamhla? (1)
- 12.16 Yinyani okanye bubuxoki ukuba uNamhla wade watshata noLizo Vaxa? (1)
- 12.17 Ngubani isiduko sikaLizo? (1)
- 12.18 Yintoni eyayinokuqinisekisa uNamhla noLizo ukuba uMaNdaba wayebathakatha ngokwenene? (1)
- 12.19 Chonga ibinza kwesi sicutshulwa eliphuhlisa isenzo esenziwa ngumntu ngokungxama. (1)
- 12.20 Kutheni uSilumko eyibiza 'ngengozi' le nto yayenziwa nguMaNdaba? (2)

[25]**OKANYE**

UMBUZO 13 (UMBUZO OMDE)**A-a-a! JONGUMSOBOMVU! – BB Mkonto**

UMaqoma nesizwe ngokubanzi sasingayithiyanga inkolo yobuKrestu koko yindlela eyeza ngayo ebantwini. Chaza ucazulule iziganeko ezixhasa olu luvo ubonise le ndlela yeza ngayo phantsi kwezi zihloko zilandelayo:

- Unxibelelwano phakathi kweenkosi nabefundisi.
- Umahluko phakathi kwenkolo yakwaNtu nenkolo yobuKrestu.
- Iziphumo ezibangelwe ngumahluko wezi nkolo zimbini.

[25]**OKANYE****UMBUZO 14 (UMBUZO OMFUTSHANE)****A-a-a! JONGUMSOBOMVU! – BB Mkonto**

Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo elandelayo.

NOBOMVU:	Nithi kuphi apha bafazindini? Ngumzi kabani lo nihlekisa ngawo? Zintoni eziya zikwelaa ziko? (<i>Embamba uMamCirha ngengalo</i>) Akunazintloni wena MamCirha umdala kangaka? Khaniye ezimbizeni bafazi. Zifikile iindwendwe. (<i>Ubarhuqela ezimbizeni</i>)
MADLOMO:	Yhu! Uxolo bafazi! Sitsalwe bethu kukufika kweentombi zasekhaya, ndathi kuba ndizazi apha engomeni, ndakrweca uSis'MamCirha. Bendisenziwa likhwele bethu, ndixoleleni, andiqondanga.
MAMCIRHA:	Hayi suka apha Thembukazi! Watarhuzisa into engenasiphelo. Kaloku asiyolelwa sonke ngala matheko angapheliyo.
NOGCULE:	Utheth'ukuthini ke Sis' MamCirha? Uzama ukusixelela ntoni ngalo mdudo womntakwethu? (<i>engatyhilekanga</i>)
MAMCIRHA:	Hayi Tshawekazi. Ungandivi kakubi. Ndishiywe nje ngumsindo kuba uNobomvu lo akasibizanga ngambeko noko phaya, kwaye besingesedwa abafazi, bakho nabo basemzini athetha ngabo. Bendizama ukuthi asidibani thina noku kutya inyama kangaka kweli theko ngokungathi kukho nto ihlolwayo.
NOBOMVU:	Uqhele into embi ke khona MamCirha. Uyaziqonda nje kodwa ukuba usithela ngesebe lenkawu? Musa ukubenza izidenge abanye abantu. Kanti sihlikihlwe sonke apha phantsi kweenwele. Akukho mntu ungakwaziyo kule lali ukuba uzikhwebule kwizinto zalapha ekuhlaleni. Ndikubone kakuhle namhlanje ukuba uthi ubika imbiba ube ubika ibuzi kulo mkhwa, kuba ungafuni kubonwa. Hayi ntombi, mus'ukusenza abantwana, umqolo uvelile.

NOGQI: Tyhini! Ungamxeleli nje Sis'Nobomvu ukuba sesimqaphele ukuba bantwana bakhe uyabagxotha kwimicimbi yethu apha ebulalini, baye kuvalelwa. Kaloku azilali mbetheni ezokuba akafuni abantwana bakhe bachatshazelwe zezi zimanga zobundlavini, njengoko esitsho. Bahlelelekile kungoku nje nakwabanye abantwana.

UNONGWANE: Zintoni ezi ndizivayo kulo mhlab' akowethu Wel' am? Kutheni ngathi kuza kubakho imidlungu nje? (*Ejikela ngakuNobomvu*) Khawuyimise ngeenyawo Sis'Nobomvu, asinakuyiyeka ilengalenga ze lishiyeke ilizwe likabawo lisebugxwayibeni.

NOBOMVU: Hayi Tshawekazi, into inje: UMamCirha ngomnye umntu kuyile mihla nje, kuba okokoko wathi wadibana naba bathi bamele ukucaca, abajikelezi, waguquka, watsho wamntu wumbi. Sasicinga kuqala ukuba yinto nje yendlalo kuba babeshiywe ngumntakwabo uNtsikana. Ndithi wabuya eThwathwa selengasafuni nokuqaba. Ngoku siphawule ukuba ithathe unyawo le meko yakhe. Loo moya ungxamele ukugquba kwezi lali. UMamCirha lo okwiqela elithile labafazi abazikhwebulayo kwizinto zabantu kuba besithi zezasebumnyameni nezokungazi nto.

- 14.1 Yintoni ebangela ukuba uNobomvu abe lugcwabevu ngumsindo? Cacisa. (2)
- 14.2 Kwenzeka ntoni kule ndawo bahlangene kuyo aba bafazana? (2)
- 14.3 Bayintoni aba bafazana kule ndawo bakuyo? (1)
- 14.4 Balandwe njani uMamCirha noMaDlomo nguNobomvu? (1)
- 14.5 Le ndlela abalande ngayo ibonisa:
- A Ubuciko
- B Indelelo
- C Ukuziqhayisa (1)
- 14.6 UMaDlomo ubonise ukuzisola ngesenzo sakhe esikhalinyelwa nguNobomvu. Xhasa olu luvo. (2)
- 14.7 Yinyaniso okanye asiyonyaniso ukuba uMamCirha akanamdla kwiziyunguma eziqhubekayo ekuhlaleni. Xhasa impendulo yakho. (2)

14.8 Ngqamanisa ezi ntetho neempendulo ezichanekileyo.

KHOLAM A	KHOLAM B
14.8.1 Ukubika imbiba ubika ibuzi.	A Akukho bunyani kwezi ndaba beza nazo.
14.8.2 Ukusithela ngesebe lenkawu.	B Ukuzithethelela ngento engekho.
	C Ukuzifaka kwizinto ezikude nawe.

(2 x 1) (2)

- 14.9 Kuthetha ukuthini ukuthi, 'UMamCirha uyabagxotha abantwana bakhe kwimicimbi yethu apha ebulalini, baye kuvalelwa'? (2)
- 14.10 Ngokwale ncwadi yintoni unobangela wokuba amadoda athile ayichase imfundiso yabefundisi? Nika zibe MBINI. (2)
- 14.11 Ungatsho na ukuba le mfundiso ibe sisixhobo sokumqoba amandla uMaqoma? (2)
- 14.12 UNogqi uyawubasela umlilo kodwa yena angawothi. Ngqina oku. (2)
- 14.13 Chonga ibinza elibonisa ukuba uMamCirha akanguye yedwa ongasazenziyo izinto zasekuhlaleni. (1)
- 14.14 Xela into ibe NYE eyaba sisiphumo senkolo yobuKrestu. (1)
- 14.15 Chaza indlela athe uSomerset wasebenzisa ngayo uMfundisi uFiliphu namajoni ukuphumeza iinjongo zakhe. (2)

[25]

AMANQAKU ECANDELO C: 25
AMANQAKU EWONKE: 80